SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za

Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## SEPTEMBA 2023

# ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P2

**AMANQAKU:** **80**

**IXESHA:** **2½ iiyure**

Olu viwo lunamaphepha angama – 30.

SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



## IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda imiyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha lesi-4 uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olufundisiweyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.

3. Eli phepha loviwo linamaCANDELO amaTHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Isihobe | (30) |
| ICANDELO B: | Inoveli | (25) |
| ICANDELO C: | Idrama | (25) |

4. Phendula imibuzo emiHLANU iyonke:

   Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, omNYE kwiCANDELO B, nomNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

   ICANDELO A: ISIHOBE
   IMIBONGO EFUNDISIWEYO – Phendula imibuzo EMIBINI
   UMBONGO ONGAFUNDISWANGA: Ngumbuzo ONYANZELEKILEYO

   ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI
   Phendula umbuzo OMNYE.

   ICANDELO C: IDRAMA
   Phendula umbuzo OMNYE.

5. UKHETHO LWEMIBUZO KUMACANDELO B (INOVELI/NONCWADI LWEMVELI) NECANDELO C (IDRAMA).

   - Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli/uncwadi lwemveli nakwidrama oyifundisiweyo.
   - Phendula UMBUZO OSISINCOKO OMNYE kunye NOMFUTSHANE ube mNYE.

   Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI KWICANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisiti ukwenza oku.


SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



6. UBUDE BEEMPENDULO

   - Imibuzo esisincoko yeSihobe kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama ali-190–240.
   - Imibuzo esisincoko yeNoveli/Uncwadi Lwemveli neDrama kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama angama 340–390.
   - Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.

7. Landela imiyalelo ebhalwe ekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngocoselelo.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela indlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha loviwo.

9. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

10. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

    ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu
    ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu
    ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



## IPHEPHA LESIQULATHO

Eli phepha linceda umviwa akwazi ukukhetha imibuzo afuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

### ICANDELO A: ISIHOBE

Imibongo efundisiweyo: **Phendula NAYIPHI na imibuzo emiBINI.**

| INANI LOMBUZO | | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|---|
| 1. | *Ingqina ezingela imiphefumlo* | Umbuzo omde | 10 | 6 |
| | | | | |
| 2. | Okuhle | Umbuzo omfutshane | 10 | 8 |
| | | | | |
| 3. | *Watsha umzi* | Umbuzo omfutshane | 10 | 9 |
| | | | | |
| 4. | Mhela mfondini | Umbuzo omfutshane | 10 | 10 |
| | | | | |
| **KUNYE**<br>**Umbongo ongafundiswanga** | | | | |
| | | | | |
| 5. | Inyaniso | Umbuzo omfutshane | 10 | 12 |

### ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI Phendula umbuzo omNYE.

| INANI LOMBUZO | | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|---|
| 6. | *Nyana wam! Nyana wam!* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 13 |
| | **OKANYE** | | | |
| 7. | *Nyana wam! Nyana wam!* | Umbuzo omfutshane | 25 | 14 |
| **OKANYE** | | | | |
| 8. | *Ukhozi olumaphiko* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 16 |
| **OKANYE** | | | | |
| 9. | *Ukhozi olumaphiko* | Umbuzo omfutshane | 25 | 16 |
| **OKANYE** | | | | |
| 10. | *Inkaw' idliwa ilila* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 18 |



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| | **OKANYE** | | | |
| 11. | *Inkaw' idliwa ilila* | Umbuzo omfutshane | 25 | 19 |
| | | | | |
| 12. | *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 21 |
| | **OKANYE** | | | |
| 13. | *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo omfutshane | 25 | 21 |

**ICANDELO C: IDRAMA**

**Phendula umbuzo omNYE.**

| **INANI LOMBUZO** | | **UMBUZO** | **AMANQAKU** | **INOMBOLO YEPHEPHA** |
|---|---|---|---|---|
| 14. | *Buzani kubawo* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 24 |
| | **OKANYE** | | | |
| 15. | *Buzani kubawo* | Umbuzo omfutshane | 25 | 25 |
| | | | | |
| 16. | *Indlal' inamanyala* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 27 |
| | **OKANYE** | | | |
| 17. | *Indlal' inamanyala* | Umbuzo omfutshane | 25 | 28 |

**QAPHELA: kumaCANDELO B no C**, phendula umbuzo o**SISINCOKO**.

**SONCWADI** om**NYE** kunye nombuzo om**FUTSHANE** om**NYE**.
**ULUHLU LOKUKHANGELA (ITSHEKHLISTI)**

Kunyanzelekile ukuba ujongisise olu luhlu lulandelayo ukuze uqiniseke ukuba ukhethe imibuzo ngendlela eyiyo.

| **ICANDELO** | | **AMANANI EMIBUZO** | **INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO** | **PHAWULA** |
|---|---|---|---|---|
| A | Isihobe (Imibongo emiselweyo) | 1–4 | 2 | |
| | Isihobe (Umbongo ongamiselwanga) | 5 | 1 | |
| B | Inoveli/Uncwadi Lwemveli (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE omfutshane) | 6–13 | 1 | |
| C | Idrama (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE omfutshane) | 14–17 | 1 | |

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ICANDELO A: ISIHOBE: IMIHOBE YESIXHOSA – B. Ngombane

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo eziNE ezifundisiweyo nombongo omNYE ongafundiswanga.
- Ulindeleke ukuba uphendule nayiphi na imibuzo emiBINI ebuzwe kwimibongo okanye kwizibongo ezifundisiweyo; kunye nombuzo omNYE ongafundiswanga okanye isibongo esingafundiswanga.

**QAPHELA:** Umbuzo osekwe kumbongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba uphendule imibuzo emiTHATHU IYONKE kweli candela.

Ubude bempendulo yombuzo osisincoko buphakathi kwe-190–240 amagama.

### IMIBONGO EFUNDISIWEYO

Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.

### UMBUZO 1: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula lo mbuzo ulandelayo.

**INGQINA EZINGELA IMIPHEFUMLO – JJR JOLOBE**

Ulindele ukuba ndinyuke kuwe na, Ndlela ndini,
Ndikubona nje ukuba ungumnqantsa?
“Ikwayiloo Ndlela eyahanjwa nayiNkosi,
Ngoko kufanelekile uyihambe.”

“Lo mnqamlezo unzim’ ungab’ uza kuthwalwa ndim na?
Koda kubenini undihleli nzima?”
“Loo mnqamlezo’ owalindela kwaneNkosi yakho,
Usahleli, ulinde wena lowo.”

“Iziphango nezaqhwiti zakufika futhi,
Ndothini na ukuba ndibe ndisahamba?”
“Elaa litha elakhanyisel’ iNkosi yakho;
Khona ngoku ke liya kukhanyisela,”

“Ndakuyoba, emke la mandlana endinawo,
Kukho msizi na owoza andincede?”
“Ewe. Kwanele Nkosi yakho yawaphiwa’ Amandla;
Yona ke ngokwayo yokunik’ amendu.”


SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



“Yakuphela ke le Ndlela ndiyihambayo,
Ndithenjiswa zinto zaluphi na uhlobo?”
“Elaa Zulu elavulek’ iNkosi yakho,
Elo Zulu lovuleka ke nakuwe

Tyhila kulo mhobe ungezantsi izixhobo eziqulethe umxholo wokuba konke kubakhaphukhaphu, kubelula, xa ukholelwa ukuba inkosi ingumncedi.

Impendulo yombuzo osisincoko ngamagama ali-190–240. **[10]**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



## UMBUZO 2: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda isicatshulwa sombongo esingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**OKUHLE – ZS QANGULE**

Yakhula inkwenkwe yabheka esikolweni,
Izithanda iincwadi ingenzi nomolweni.
Yayisingcutha isiLungu ingaqhelisi,
Iwadlakaza amanani njengesiNgesi

Yazixaka iititshala <u>zaphoselana</u> ngayo,
Kwakuthi khinxi kukhululwe ngezayo.
**Yaba yiminyakana idudulela phambili,**
Bothuka bonke bajonga phambili.

Kwancipha ubuhlanti kwasala zambini,
Waphela umzi yavungama ilali.
**Yaba mbalwa yabhavumlela kude**,
Wathi umntu uncamile ifuzile kakade.

Yaphela imfuyo kwaxhathiswa ngehagu,
Yabila ingqondo yona okweyegagu.
Lancama ixhego lathi liyazinikela,
Likhusela ikhehlekazi evasini lizincamela.

Labuya litaka izimanga lakukhohlela,
Nakwikhehlekazi kukubi lizitotobela.
Naxa kunjalo bathi kumele agqibe,
Wasebenza naye wabhitya nemilebe.

2.1 Caphula imiqolo emiBINI kwisitanza soku-1 equlethe intsingiselo yokuba yayigqwesa inkwenkwe ezifundweni. (2)

2.2 Chaza ukuba kutyhila ntoni ngamandla okufunda kwenkwenkwe ukuthelekisa amaxesha efunda ngawo nesiphumo sako kwimiqolo engqindilili. (2)

2.3 Nika ibemiBINI imingeni elihlangene nayo ikhaya lenkwenkwe ngokwezitanza ze-3 nese-4. (2)

2.4 Chonga kwisitanza 5 ubaxo olusingisele ekubeni ubunzima bebumacala (a) kumzali (b) nakwinkwenkwe. (2)

2.5 Ngqina ukuba esi sicatshulwa sombongo siphumelele ukudlulisa uluvo lokuba konke esikuvuyelayo ebomini sukuba kungezanga lula. (2)

**[10]**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



## UMBUZO 3: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda isicatshulwa sombongo esingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**WATSHA UMZI – NONTSIZI MGQWETHO**

Amaxesha obumnyama agqithile
Neza mini zobudenge ziphelile
Ungumbulali na wena njengoKhayeni?

Zatsho ngentsholo iintombi emlanjeni
Ezasemathanga nasemanxuweni
EzakwaMshweshwe noLangalibalele
Velani nkokeli khe nisichazele

Halahoyi ma-Afrika nalo ke ivumba
Linukisa <u>okwenyoka</u> yomhlaba
Kwahluthw' amakhaya kunye nobukhosi
Namhla ooNozala bahamba ngePasi

Hayi ukuhlala kwawo wodwa umzi
Nokungenwa kwamasango alo mzi
Obantu babenikwe iintsikelelo
Namhla simanga ngumzi weembandezelo

Ziphi na iinkokeli ze-Afrika
Sancama namhlanje thina mzi kaNgqika
Wakhonkxwa na Afrika ngamakhamandela?
Bathini bona abadlula ngendlela?

3.1 Caphula imiqolo emiBINI kwisitanza so-1 equlethe intsingiselo yokuba akusekho ukungazi. (2)

3.2 Chaza ukuba kutyhila ntoni ngovakalelo lwesizwe ukukhankanywa kwentsholo yeentombi nokuhamba kooNozala ngamaPasi kwisitanza se-2 nese-3. (2)

3.3 Nika ibemiBINI imingeni ejamelene nayo i-Afrika ngokwezitanza se-3 nese-4. (2)

3.4 Chonga kwisitanza 5 umbuzo buciko oqaqambisa ukubandakanyeka (a) kwabasemagunyeni (b) ngokwezizwana zelizwekazi i-Afrika kwingxaki ekuyo i-Afrika. (2)

3.5 Ngqina ukuba esi sicatshulwa sombongo siphumelele ukudlulisa uluvo lokuba isengxakini nje i-Afrika kungenxa yabantu bayo. (2)

**[10]**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



## UMBUZO 4: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda isicatshulwa sombongo esingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**MHELA MFONDINI – GV MONA**

Mhela mfondini,
Ndiphuthum' elam' ikhohlombe.
Ngokwesethu isithethe,
Inkwenkwe iyazihlanganisela.
Mhela mfondini,
Ndilande ezakowethu,
Kwelakowethu ukuzuma lityala,
Khawuthob' iqulo mfondini-ndini,
Zaphukil' ezam iintonga,
Mhela mfondin!i

Naxa ndiphuza umhlaba,
Ndothi Mhela kwakhona
Kuba ngeseth'isithethe,
Ewileyo ayibhuqwa.
Naxa ndigevezel' amadolo,
Ulwimi luyinkaba-nkaba
Ndothi ndimele kanjaqo
Kuba le ndeko inemigaqo,
Mhela mfondini!

Akuvuyelelwana akuxhatshazwana,
Kuhlonitshenwe kuxatyiswene.
Amakhwenkwe amancinane,
Abahlonele oonongena,
Oonongena bawahlonel' amakhulu,
**Amakhulu** iinto ezitshotsh' entla,
Abahlonele oonosala.
Kuyo le ndeko
Intlonipho ngundoqo,
Mhela mfondini!

4.1 Caphula kwisitanza so-1 imiqolo emiBINI equlethe intsingiselo yokuba kungummiselo ukuyilinda enye inkwenkwe ide iwulungele umlo. (2)

4.2 Chaza ukuba kutyhila ntoni ngamandla enkwenkwe ukukhankanywa kokugevezela amadolo nokubanolwimi oluyinkabankaba kwisitanza se-2. (2)

4.3 Nika ibemiBINI imingeni ecela ukulindwa yakuhlangana nayo inkwenkwe ngokwesitanza se-2. (2)



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



4.4 Chonga kwisitanza se-3 ukuphindaphindwa kwesiqu segama 'hlonela' okusingisele ekubeni intlonipho yenziwa ngokwezigaba zokukhula ezingezantsi:

(a) inkwenkwe engezantsi ihlonipha ekwesingentla

(b) inkwenkwe engentla iyayihlonipha nengemva ngokwesigaba (2)

4.5 Ngqina ukuba esi sicatshulwa sombongo siphumelele ukudlulisa uluvo lokuba (a) akuvuyelelwana kwaye (b) kuyathotyelwana kumdlalo wamakhwenkwe. (2)

**[10]**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



## UMBONGO ONGAFUNDISWANGA: KUNYANZELEKILE UWUPHENDULE

### UMBUZO 5: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda isicatshulwa sombongo esingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**INYANISO – S.E.K. MQHAYI**

Siphe Nkosi inyaniso,
Sikukhonze ngayo;
Usinike indumiso,
Sikubonge ngayo.

Sokhululwa yinyaniso,
Ebukhokobeni;
Siluchith' umfamekiso,
Emiphefumlweni.

Iphelile inyaniso
Apha emhlabeni;
Sekuzalis' inkohliso
Yodwa elizweni

Kukh' abathi Nkosi Nkosi!
Bengenanyaniso.
Uyinkosi yemikhosi
Wen' uyinyaniso.

5.1 Ithetha egameni likabani imbongi kwisitanza so-1 nese-2 ngokusebenzisa isakhi u'si' rhoqo? Xhasa impendulo yakho. (2)

5.2 Nika zibeMBINI izinto eziza kwenziwa ngenyaniso ecelwayo ngokwesitanza se-1 nese-2. (2)

5.3 Xela zibeziBINI izenzo zabantu abaphulukene nenyaniso ngokwesitanza sesi-4. (2)

5.4 Chaza ukuba kutheni igama, 'Nkosi' libhalwa ngonobumba omkhulu kulo mbongo. (2)

5.5 Uyakungqina okuqulethwe sisitanza se-3 ngenyaniso? Xhasa impendulo yakho ngamava akho. (2)

**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli eziNTATHU noNcwadi Lwemveli.
- Phendula imibuzo kuncwadi lwemveli/kwinoveli oyifundisiweyo.
- Kwijenra nganye kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI nombuzo OMFUTSHANE, ukususela kumbuzo wesi-6 ukuya kumbuzo we-13.
- Khetha umbuzo ube mNYE KUPHELA uwuphendule.
- **QAPHELA:** Xa ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwicandelo B (kwinoveli okanye kuncwadi lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo C (kwidrama).
- Xa ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwinoveli okanye kuncwadi lwemveli), KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwidrama).

**Ubude beempendulo zombuzo OSISINCOKO bungama-340–390 amagama.**

### INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

Phendula UMBUZO 6/8/10/12 (UMBUZO OSISINCOKO) OKANYE UMBUZO 7/9/11/13. (UMBUZO OMFUTSHANE.)

### UMBUZO 6: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

### INKAWU IDLIW' ILILA – S. KULA

Inzondo iyigqamise, yayikhulisa impixano ephakathi kokukhusela umthetho nokuwaphula kule noveli. Ngqina olu luvo ngenoveli, '*Inkawu idliw'ilila'*. **[25]**

**OKANYE**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



## UMBUZO 7: UMBUZO OMFUTSHANE

## INKAWU IDLIW'ILILA – S. KULA

Funda ezi zicatshulwa zenoveli zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA A

"Kodwa ke Thanti, akufunekanga siyifake kakhulu loo nto ezingqondweni zethu kuba iza kwenza singasebenzi kakuhle. Le nto sixoxa ngayo kaloku asiqinisekanga nokuqiniseka oku ngayo," wamthuthuzela ngelo uMfuneko
'Unyanisile phofu Mfuno. Khawutsho ke lithini icebo ngoku ngalo Mapheza wakho? Lo mfo mna ndinqwenela ukuba afe engekabhaqi nto kolu phando lwakhe," watsho uThantaswa emjonge ebusweni uMfuneko.
'Xa uza kwenza into efana naleyo kubalulekile ukuchula ukunyathela. Into ekufuneka ndiyenzile kukusebenzisa le mfene yam inguNqoza ukuzama ukurhintyela uMapheza. Iyelenqe esilenzayo kufuneka silenze sizimele ngoNqoza lo kuba sendimbonile ukuba ukhamisile." Waziva efikelwa yintsini kancinci yena uThantaswa akuthetha ngolu hlobo uMfuneko.
"Hayi ke ndiyiyekela kuwe yonke loo nto kuba **amapolisa kakade ngabantu bamayelenqe anyekenyeke,**" watsho ehleka uThantaswa. Sancokola esi sibini lade lajika ilanga. Yayikho ingqondo ethi uMfuneko makaqobongele uThantaswa angabi sahamba kodwa weva ezintethweni zakhe ukuba kufuneka ehambile.
"Ukuba bendinganxibanga ezi mpahla ngendisithi ungabi sahamba, Mfuno," watsho uThantaswa emncumele. Kuya kulunga ngenye imini," watsho ezihlekahlekisa unkabi. Waphakama wazolula elungiselela ukuhamba. Kweso sithuba wabona ngoThantaswa esondela kuye kanti ufuna ukuba amphuze. Emva kokuthana nca okomzuzwana, bayekene, uMfuneko wathetha esiya ngasemnyango, nalapho afike wema wabamba isibambo esi.

7.1 Chonga zibeMBINI izinto ezikwesi sicatshulwa zokungqina ukuba uThataswa noMfuneko bakunye kulwaphulomthetho. (2)

7.2 Xela into uThantaswa afuna uMfezeko angayibhaqi kuphando lwakhe. (2)

7.3 (a) Caphula kwisicatshulwa isikweko asisebenzisayo uMfuneko ukuchaza isimo sikaNqoza. (1)

(b) Cacisa umfanekiso ntelekelelo esiwudalayo ngoNqoza isikweko osicaphuleyo. (1)

7.4 Khankanya abemaBINI amayelenqe okurhintyela uMapheza awenze ezimele ngoNqoza uMfuneko kule noveli. (2)

7.5 Ngqina amazwi kaThantaswa angqindilili ngepolisa elinguMfuneko. (2)

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



7.6 Chaza ukuba kutheni ngokwesi sicatshulwa umbalisi embiza "Mfuneko' uMfuneko aze uThantaswa ambize "Mfuno". (2)

**ISICATSHULWA B**

Wafika uMfuneko eligwele uThantaswa, ethukisela ngumsindo. "**Bayaxoka baza kundinika eyam imali!** Abayonto elifeni lomyeni wam tu," watsho uThantaswa egqiba kuqhaqha ileta yaseburhulumenteni eyayifike ngoLwesihlanu apho emzini wakhe.

Le ncwadi yayigunyazisa ukuthathelwa kurhulumente kwento yonke kaMsindisi Yangaphi. Besenza le nto nje abasemagunyeni bebesele beyivalile imali yakhe esebhankini, beyigcinise iqumrhu elithile lamagqwetha. Kaloku uMdlambila wayeselevumile ukuba unetyala akungcanjaziswa ngamapolisa phaya entolongweni.

"Ngoobani abo bafuna ukudla ilifa lethu?" wabuza engacacanga uMfuneko. Akazange aphendule uThantaswa, wasuka wamphosela ngaloo ncwadi. Wayithi hlasi uMfuneko, emva koko wazifundela. *Kanti ngusathana wantoni na lo usivelelayo kwezi ntsuku Thantaswa?* Inene ingcwaba likaYangaphi liyathukuza okwentuku evunduza phantsi komhlaba. Ngowukhe ulindwendwele, uthethe naye ukuba makehlise umsindo nengqumbo," watsho ephelelwe ngamandla uMfuneko owayebala iveki enye phambi kokuba azokuva isigwebo sabo noNqoza. Sasichazwa ziingcali zomthetho njengeseminyaka eliqela entolongweni. Ipolisa eliphazamisana nomthetho!

"Ufane walwa, nam andizokuyeka ukulwa naba balwa nam," watsho ethe phetshu umlonyana uThantaswa.

'Usivile isibhengezo esenziwe kunomathotholo sesiya sibhanxa sin guNjinga?"

"Ngubani ke lowo?"

"Ndithetha ngaleya nkunkxa ithe nkuhlu isisu inguNtsumpa wamapolisa."

"Uthi kutsha phi ngoku lowo?"

"OoSixaki babanjiwe, kwaye baselugcinweni lwamapolisa, nalapho bancinwa khona," watsho ejonge phantsi uMfuneko.

7.7 Nika intsingiselo yebinzana elinomgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (1)

7.8 Xela ukuba uyifumene na uThantaswa imali afungele ukuyifumana ngokwesifungo esibhalwe ngqindilili. Xhasa impendulo yakho. (2)

7.9 Ngokoluvo lwakho, ingaba uThantaswa sasimfanele isohlwayo esilingana nesikaMfuneko? Xhasa uluvo lwakho. (2)

7.10 Chaza ngeengongoma eziMBINI usathana ovelele uMfuneko noThantaswa ngokwamazwi kaMfuneko akwisicatshulwa. (2)

7.11 Cacisa ifuthe lenzondo ekukhuleni kwempixano ekule noveli. (4)

7.12 Chaza ukuba (a) isiqalo (b) nesiphelo sale noveli ziyibeka njani kudidi lweenoveli ezingolwaphulomthetho. (2)

**[25]**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



**OKANYE**

**UMBUZO 8: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK TAMSANQA**

Isazela siyikhulise, sayigqamisa impixano ephakathi kobizo nezinto zehlabathi kubomi bukaThole bale noveli. Ngqina olu luvo. **[25]**

**UMBUZO 9: UMBUZO OMFUTSHANE**

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK TAMSANQA**

Funda ezi zicatshulwa zenoveli zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA C**

‘Kuthe xa kuphakathi engxoxweni ngalo mbandela, kungekho uzimisele ukunikezela, uMangaliso emile ngelokuba makathunyelwe kuyo, isifundisi sikhaba ngamanqin' omane sisala, kwavela la ngwevu yomfundisi ibikhe yadanduluka esidlangalaleni isithi; ‘Akuyi lubuyayo apho mfo wam,’ yathi, 'Uxolo maWesile amahle, kambe ngokuzenza umqobo phambi komfundisi lo efuna ukuya eGeorge Goch **hleze kuthi kanti siphazamisana necebo likaThixo**. Ndingomnye nje wabachase ukuba umfundisi lo aye eGeorge Goch ndiphakamisa ukuba umntu kaThixo akhululwe ahambe aye kule ndawo, inkomo enotshobo ayinqandwa bazalwana.’

Ngaloo mazwi endod’ enkulu waba uyakhululwa uMangaliso ukuba ayokuba ngumfundisi eGeorge Goch eza kujongana nombandela wokwakha nendlu yecawa. NgoLwesihlanu emva kokuba enyuliwe wenjenjeya nenkosikazi yakhe bephuma eAlbert Street besiya kuhlola loo lokishi wayeza kuqala kuyo umsebenzi wakhe bekhwele kuNyawozevangeli.

Bafika bashiya imoto esangweni bee chu kancinci besihla benyuka nezitalato zelokishi bemana ukunqwala ngeentloko bebulisa ababehleli ezivarandeni. Kuye wonke umntu odlulayo kwakusala ukuba angakhe eme esondele esi sibini. Ude ubeve abanye bethethela phantsi bebuzana besithi, 'Ngowaphi na lo mfundisi ufaneleke kangaka?
“Andazi uthi asinguye lo waseWesile uza kuza apha? Wova esitsho ukuphendula obuzwayo.
‘Kowu! Ingathi usemncinci nje nithi uya kulunga kule George Goch inzima kangaka?’

9.1 Chonga bubebuBINI ubungqina obukwesi sicatshulwa bokuba eGeorge Goch akuyi nabani. (2)

9.2 Xela into exhalise abefundisi ngokuya kukaMangaliso eGeorge Goch. (2)



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



9.3 (a) Caphula iqhalo elisebenzisayo uMfuneko ukuchaza isimo sikaMangaliso. (1)

(b) Cacisa umfanekiso ntelekelelo eliwudalayo ngeGeorge Goch iqhalo olicaphuleyo. (1)

9.4 Khankanya ibemiBINI imiqobo yokuthintela uMangaliso kubizo lobufundisi ekule noveli. (2)

9.5 Ngqina amazwi kaMfundisi angqindilili ngemisebenzi kaMangaliso eGeorge Goch. (2)

9.6 Chaza ukuba kutheni ngokwesi sicatshulwa umbalisi embiza “Mangaliso’ uMangaliso baze abanye abalinganiswa bambize “Mfundisi”. (2)

**ISICATSHULWA D**

Zanenkanyamba, mfo wam, khawuze. Nantsi intang’ akho.’ Lakhwaza latsho ixhego libiza uMangaliso owaye ekwelinye igumbi kwalapho endlwini, weza ekhawulezile uMangaliso.
‘Nantsi intang’ akho uVuma lowa saphupha iphupha elinye ngabusuku bunye kweziya ntsuku walahleka,' ladanduluka latsho ixhego ekubeni engene uMangaliso.
‘Nguye lo?’ Wadanduluka watsho uMangaliso emtsibela emxhawula.
‘NdinguKhohlela kaNgubombi mna mfo wam khona phaya kuHolela emaKwayini,' latsho ixhego lizazisa.
‘NguTholelegqwirha lo?’ Wabuza watsho uVuma esibambile njalo isandla.
‘Ndim lo ntang’am. Uyazi ndiyakubona uzinikela enkonzweni andikwazi. Ndijonge nje kwamntu,' watsho uMangaliso esasibambile isandla. Yaba lolunye uvuyo ke olo umntu edibana nentanga yakhe abagqibelana bengabantwana. Kwaba mnandi kuncokolwa, uVuma ebalisa ngokuphupha kwakhe elo phupha lakudala ngobusuku ekwakuza kusa ezinikela enkonzweni, engazi ukuba uzinikela kuTholelegqwirha.
'Hayi mfo wam, lithe kanti eli phupha lethu lithetha lukhulu. Lithetha ukuphila ngokwasemphefumlweni hayi ngokwenyama. Umfo wam ligqirha lemiphefumlo,' latsho ixhego ukuyiqukumbela incoko.
Emva koko wayiqhela iGeorge Goch uVuma. Sekulapho abutha khona xa angekho msebenzini. Kwiindaba zabo ezazisematheni zezokuba kuyimfuneko ukuba kugodukwe kuyovakaliswa iindaba ezilungileyo kumaGcaleka.
Ekubeni uKhohlela edibene nonyana wakhe abazanga babuye bohlukane. Kwakuzo ezo ntsuku zokudibana kwabo wamphosa emotweni uMangaliso esiya kumcela.

9.7 Nika intsingiselo yegama’ Mangaliso’ ngokomxholo wale noveli. (1)

9.8 Xela ukuba lizalisekile na iphupha abaliphuphe kunye uKhohlela noVuma. Xhasa impendulo yakho. (2)



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



9.9 Ngokoluvo lwakho, ingaba uThemba sasimfanele isohlwayo sokuqwengwa ziingonyama? Xhasa uluvo lwakho. (2)

9.10 Chaza ngeengongoma eziMBINI iziphumo zokuhlangana kukaKhohlela nonyana wakhe. (2)

9.11 Cacisa ifuthe lezigqibo ezingathathwayo ekukhuleni kwempixano ekule noveli. (4)

9.12 Chaza ukuba (a) isiqalo (b) nesiphelo sale noveli ziyibeka njani kudidi lweenoveli ezingobuqhawe. (2)

**[25]**

**OKANYE**

**UMBUZO 10: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

**UKHOZI OLUMAPHIKO – N. SAULE**

Ubumpimpi sisithako esiyikhulise, sayigqamisa impixano ephakathi kobuthandazwe nengcinezelo kule noveli. Ngqina olu luvo. **[25]**

**OKANYE**

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



## UMBUZO 11: UMBUZO OMFUTSHANE

## UKHOZI OLUMAPHIKO – N. SAULE

## ISICATSHULWA E

‘Ngesingakhange sifihle namhlanje’ Wayenza into utatomncinci kaMachule. Ndathi bendilindele izinkempe zezithuko, basuka bagixa bangqukuleka abantu ngathi kokukhona kubhujiweyo. Kukho owada waphumelisa eviwa ngumntu wonke kwelo gumbi esithi, ‘Nqanda Mfazwe, ungathini ukusishiya elutshabeni sitshabalala?’ Ndagungqa ndaweninye, ndixakene nesidanga entungo.

Endandilwazi mna utshaba lwabo ndim, olu babefuna ndibanqandele kulo ndandingalwazi. Zathi zakwanda izikhalo ndaqonda ukuba akungangam, ndaphuma phandle. Ndibe nethutyana lokubalekisa amehlo ndiwajikelezise igumbi eli, ndafika phaya entla uCwe, umama kaNokuzola endithe ntsho ngamehlo ayengezelisayo ebambelele esidleleni. Andizange ndibe nakufunda nto kobo buso bakhe babuthe shwace.

Ndathi gwiqi ndema everanda ecaleni kwalaa makhwenkwe mabini esikolo, uSiphiwo kunye noSiphiwo. Wona athe akundibona akhupha izandla ezingxoweni akrwela iintloko ngathi anento afuna ukuyithetha. Ndathula andathetha kuba ndingayazi into ayimithiyo. Okwakundehlele kwezo ntsuku kwakusekutsha engqondweni yam, ndizifundise ukuyenza lukhuni intliziyo yam ngeso sizathu. **Izolo oku bendithukwa ndinukunezwa ndixelelwa ndisiva ndingayanga kukha manzi ukuba ndingumrhubuluzi,** ngoku kuthiwa mandinqande abantu bayaphela. Yeyona nto yayibafanele leyo. Mhlawumbi kungona baza kufunda ukuba nenyani. Ukuya kwam emfihlweni ndandingabangi nto kwathini. Ndandingomnye nje umntu ofana nabanye. Ndacinga ndenjenjalo ndisiya ndiba nomsindo endaweni yovelwano.

11.1 Chonga zibeMBINI izinto ezikwesi sicatshulwa zokungqina ukuba zijikile iindlela abekade ebabona ngazo abantu bakwaQaka uMfazwe. (2)

11.2 Xela utshaba abahlali abafuna abanqandele kulo uMfazwe. (1)

11.3 (a) Caphula isikweko esisebenzisayo uMfazwe ukuchaza ukuxakwa nguSiphiwo noSiphiwo. (1)

(b) Cacisa umfanekiso ntelekelelo esiwudalayo ngoSiphiwo noSiphiwo. (2)

11.4 Khankanya abemaBINI amayelenqe uFriday awenzele uMfazwe kule noveli. (2)

11.5 Ngqina amazwi kaMfazwe angqindilili kwisicatshulwa. (2)

11.6 Chaza isizathu sokuba umbalisi ngokwesi sicatshulwa ezibiza ‘ndi’ babe abanye abalinganiswa bembiza “Mfazwe”. (2)



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ISICATSHULWA F

Sayiqala phantsi indaba kaBaba neBhelekazi kucaca ukuba aliyolelwanga nakanye zizinto zakhe.
'Siphume kuleyo sangena kunxunguphalo olwalugqube apho elokishini, sada saya kufikelela nakwinto yokuba abaya befundisi babanjwe ngomngcwabo baya kuthethelelwa nguNdlela ukuze baphume. "Babeya kuthini ukungakhululwa, babebanjiswe kwanguye nje?'' Ndaziva senditshilo xa ndiqaphela ukuba umakazi wam akabuqondi <u>ubunyoka bukaNdlela</u> naxa selede watsho uBaba.'' "Yintoni le umzonda yona umnumzana Ndlela, ingana nabazali bakho basindiswa nguye kweliya dangatye.'' ''Bathini ukusindiswa nguye akugqiba ukubatshisela?'' ''Yiyiphi ke ngoku le uyithethayo?'' ''Ndiyakubona wena ukuba akwazinto. Loo Ndlela wakho neliya hlakani lakhe uNtsipho, zezona mpimpi zinkulu zalo Qaka.'' Ndatsho kumntu endadiqonda akazi kwanto ngokuqhubekayo apho elokishini. ''Hayi andifuni kuyingena le uyithethayo, masiyiyeke. Into endingasuka ndikuxelele yona yeyokuba apha ezintsukwini sikhe sothuswa kukundwendwelwa nguNokuzola.'' Elo gama nje lodwa, lawuguqula umoya womphefumlo wam, yaxinana ngoko nangoko ingqondo yam, yazala ngooqongqothwane noonomadukudwane. UNomaBhele undihla entloko ndisathi ndizakukhe ndimxelele ongakwaziyo ngalo Ndlela. Yintoni abeze kuyenza apha uNokuzola? Ndatsho ndingatyhilekanga okuya kokuqala, ndiqonda ukuba ukuba kuyiwa ngam ngeyiphela le ncoko. Waphakamisa amehlo wandijonga ndabe ndithule ndithe cwaka ndikrumza amazinyo. Ndithe ndakungaphenduli, yaqhuba intombi kaNantsi ingandijonganga kuphela imana ukuqoqosha izitya zayo.

11.7 Nika intsingiselo yegama '**ubunyoka'** elinomgca ngaphantsi kwisicatshulwa ngokomxholo wale noveli. (1)

11.8 Xela ubungqina bokuba uNdlela noNtsipho baphawulwe ngokuba 'zezona mpimpi zinkulu zalo Qaka'. (2)

11.9 Ngokoluvo lwakho, ingaba uMfazwe sasimfanele isohlwayo sokungazazi ixesha elide ukuba unomntwana kuNokuzola? Xhasa uluvo lwakho. (2)

11.10 Chaza zibeMBINI iingxaki ahlangene nazo uMfazwe endleleni eya eMthontsi. (2)

11.11 Cacisa ifuthe lobumpimpi ekukhuleni kwempixano ekule noveli. (4)

11.12 Ngqina ukuba (a) isiqalo (b) nesiphelo sale noveli ziyizakuzela njani ukuba iwe kudidi lweenoveli ezingamaqhawe ezopolitiko. (2)

**[25]**

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



**UMBUZO 12: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

**UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI: MMI SWANA NABANYE**

Imbali ngabantu neziganeko zeSizwe zingundoqo kwimixholo yoncwadi lwemveli. Ngqina olu luvo ngentsomi ethi 'uNongqawuse' kunye nomhobe othi, "Intaba kaNdoda'. **[25]**

**UMBUZO 13: UMBUZO OMFUTSHANE**

**UBUNCWANE BONCWADI LWEVELI – MMI SWANA NABANYE**

Funda izicatshulwa zoncwadi lwemveli ezingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA G**

**INTSOMI KAKHETSHE NESIKHUKUKAZI**

1 Kwathi ke kaloku ngantsomi, kudala-dala iiintaka zayezithandana, zisendiselana njengabantu. Ngelo xesha ukhetshe ufike watshata nesikhukukazi, bahlalisana kakuhle, bathandana oku kusisimanga bada bafumana nabantwana.

2 Kwalile ngenye imini, ukhetshe wemka esiya kuphandela usapho into etyiwayo eshiya isitshixo sendlu nomfazi. Ekuhambeni kwendoda isikhukukazi sicinge ngokuya kutyelela isihlobo saso ebesihlala mgama. Kule ngcingane yembutho sihambe nabantwana baso ukuze nabo bafumane ithuba lokuya kubona ilizwe. Sincokole, sancokola, sancokola nesihlobo eso saso kwahamba ixesha, kwabonakala ukuba lifikile ixesha lokuba usapho lugoduke.

3 Lufikile ekhaya umninimzi engekabuyi, abantwana beyimfe kukudinwa, belambile, wada omncinane woyiswa kukunyamezela, wazibika kunina. Isikhukukazi sibe ngasikhangela isitshixo sokuvula indlu ukuze abantwana batye, tu ukuvela isitshixo. **Sibhuqe sabhuqa, sabhuqa sada sancama**. Kusenjalo, kwenzeka elona sikizi kuba umntwana wasuka waqhawuka, itshoba lalala umbethe ngenxa yendlala. Uthe umntwana esandul' ukufa wagaleleka ukhetshe, akuyibona le ntlekele wavutha ngumsindo engxolisa umfazi wathetha wenjenje:



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



| | |
|---|---|
| 4 | "Ukususela namhlanje thina sobabini sahlukene. Kunjalo nje kuya kuba njalo nakwinzala yethu. Ookhetshe baya kubatya abantwana beenkuku kude kuvele esi sitshixo silahlekileyo." Uthe ukuba ukhetshe atsho wabutha konke okwakhe wemka. Okwenene kwenzeka ngokuthetha kwakhe kuba nanamhla oku ookhetshe basawatya amantshontsho eenkuku. Isikhukukazi sona asikancami kuba sisaphikele ukuphanda, siqhwaya emhlabeni nje, sisakhangela esaa sitshixo sikakhetshe ukuze sixolelane naye, kubekho ibuyambo ukuze abantwana babo bangabi saxhwilwa. Phelaphela ngantsomi. |

13.1 Khankanya zibeMBINI izinto ezilwenza lungakholeleki/lubebuntsomi ubaliso olungentla. (2)

13.2 Xela umsebenzi wesixhobo sobaliso esibhalwe ngqindilili. (2)

13.3 (a) Caphula ubaxo olusetyenziswe ukuchaza uvakalelo lukakhetshe kumhlathi wesithathu. (1)

(b) Cacisa umfanekiso ntelekelelo oluwudalayo ngoKhetshe ubaxo olucaphuleyo. (2)

13.4 Chaza zibeMBINI iingxaki azifumeneyo ukhetshe ekubuyeni kwakhe ekubutheni. (2)

13.5 Ucinga ukuba simfanele uSikhukukazi isohlwayo asinikwe nguKhetshe? Xhasa impendulo yakho. (2)

13.6 Phawula ngefuthe lokusebenzisa uvakalelo kwiimeko abahlangana nazo abantu uthathela kwichaphaza elidale kukhetshe nesikhukhukazi. (2)

13.7 Chaza ukuba (a) isiqalo (b) nesiphelo sale ntsomi siyibeka njani kudidi lweentsomi ezingemvelaphi yezinto. (2)

**KUNYE**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ISICATSHULWA H

Funda isibongo esilandelayo wandule uphendule imibuzo elandelayo.

**A! ZILIMBOLA! – Isibongo senkosi**

A! Zilimbola!
Umntwan' oyinkwenkwe yindoda,
Yintandane kowabo emaThileni.
Ziqhayisa ngay' ezakowabo iintombi.
Nonin' uzingomb' isifuba ngaye.
Sakukhula isithombo kulibhong' emzini.
Yintlutha esizweni nasengqondweni.
Ngundize kubantwana ekuhlaleni.
Nkosi yam kungawe ke,
Choko-choko elimabalabala eGwali,
Mbishiza lamahlath' aseGwali,
Ntambanan' emaphiko tyityimb'emafini,
Sondel' esibhakabhakeni ikhaya leenkwenkwezi-
A! Zilimbola!

A! Zilimbola!
Yinkcalankcala inkunz' aseGwali,
Umjezula kakuhle gqitha ngeliso,
Ngomlomo le nkunzi **iyabhodla**,
**Ibhodl'** intshwembenxa zamagama,
Itsho ngezibhebhewula uncuthu.
Ciko lokuncokola, ciko lokuvuma-
Mv' evum' egaziwayo ingoma.
Nkunz' inomcondo yaseGwali-
Mabandl' akulophuthise nivile na?
Nditsho kuni mabandl' aseGwali.

Magwali akuloPhuthise nibonile na
Ukusombuluka kwenamba kowayo?
Isilo esimzila sibonwa koomaFort Hare-
KoomaKapa kooRawudzi siboniwe.

13.8 Chaza ulwalamano lobongwayo neGwali ekhankanywa rhoqo kwesi sibongo. (2)

13.9 Isithethi siyaqhayisa ngoZilimbola kwisitanza sokuqala. Xhasa olu luvo. (2)

13.10 Thiya uphindaphindo oluphawulwe kwimiqolo 18 ukuya kowe-19 uze uxele umsebenzi walo. (2)



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



13.11 Ngqina ngokuthathela kwesi sibongo ukuba obongwayo unesiphiwo sokuthetha. (2)

13.12 Tolika imiqolo 28-29 ngokomxholo wesi sibongo. (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

## ICANDELO C: IDRAMA

**IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiiDrama eziMBINI, ukususela kumbuzo 14 ukuya kumbuzo 17.
- KwiDrama ngaNYE kubuzwe imibuzo EMIBINI; OSISINCOKO SONCWADI kunye NOMBUZO OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ube MNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwinoveli okanye Uncwadi lwemveli), KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwicandelo C (kwidrama). Xa ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B (kwinoveli okanye UNcwadi lwemveli, KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo omfutshane kwiCANDELO C (kwidrama).

Ubude bombuzo osisincoko soncwadi buphakathi kwama-340 nama-390 amagama.

### UMBUZO 14: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

### BUZANI KUBAWO – WK TAMSANQA

"*Isala kutyelwa sibona ngomophu.*" Ngqina la mazwi ngokubhekiselele kuZwilakhe kule drama.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama 340–390. **[25]**

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



## UMBUZO 15: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zedrama uze uphendule imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA I

| | |
|---|---|
| UGUGULETHU: | Ndikho Jola! Ndikho Ngwanya! *(Esukuma)* ***Bawo! Bawo!*** **Uyaweva na la mazwi? Uyayibona na le nto?** |
| UNOMAMPONDOMISE: | Gugulethu ndange Hlubi! Ndange undange okokugqibela ukuba ndingasayi kuze ndiphinde ndangiwe mntu uyindoda naphakade ebomini bam. Kum idakile into ebubomi kususela namhla. Ndange Gugulethu! Ndange ugqibelise. |
| UGUGULETHU: | Uxolo Jola, uxolo! *(Emchiliza kancinci)* Andisafanele ukuba ndingasondela kuwe, likhulu isikizi endilenzileyo emhlabeni phantsi, likhulu isikizi endilenzileyo emazulwini phezulu, andisafanelwe kujongelwa lutho ngumthinjana weAfrika, andisafanele kujongelwa lutho kwanangumlisela. Sonke isidalwa esinengqondo kususela namhlanje masindijongele phantsi. Kodwa nina nonke nikhoyo kule nkundla buzani umbuzo nithi, kwenzekeni na ngoku? Bekutheni na kuqala? Ndoniphendula ndithi, “Buzani kubawo.” Bawo! Bawo! Uyawabona na la masikizi? Kowu undenzile! Walenza nesikizi. |
| UNOMAMPONDOMISE | Gugulethu! Gugulethu, nceda ndange Hlubi. |
| UGUGULETHU: | Uxolo! Uxolo sithandwa. |
| UMANTYI: | Gugulethu mange. |
| UNOMAMPONDOMISE : | Gugulethu ndange sithandwa sam! Ndange undikhulule. *(Esondela kuye emwola ngezandla , ejonge kuyise nonina)* Bawo! Bawo kodwa undixolele na? |
| ULANGENI: | Ndikuxolele Jola. |
| UNOMAMPONDOMISE: | Usale kakuhle Jola ungakhathazeki ziindaba owothi uzive emva koku. Usale kakuhle nawe Nyawuza omhle, ixesha lifutshane kakhulu ndihleli nani. Ndiziva ndingenakho ukuphinda ndihlale nani konke. *(Eguquka ejonga ezintombini)* Zintombi ze-Afrika nonke nikhoyo kule nkundla ndinishiya nala mazwi. <u>Thembani yonke into phant sikwelanga kodwa hayi isidalwa indoda</u>. |

15.1 Xela zibeMBINI iimpawu zobhalo ezixhaphake kwisicatshulwa nezikwakhokelela kwingcinga yokuba kukho ingxaki. (2)

15.2 Phendula umbuzo kaGugulethu okwisicatshulwa othi, ‘bekutheni kuqala’ ngokolwazi lwakho lwebali. (2)



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



15.3 Xela isizathu sokuba uNomaMpondomise acele uxolo kuyise. (1)

15.4 Chaza iindaba uNomaMpondomise ayaleza ukuba zingamkhathazi uGugulethu akuziva. (1)

15.5 Uyawangqina okanye uyawachasa amazwi anomgca ngaphantsi awashiya kwiintombi uNomaMpondomise? Xhasa impendulo oyikhethayo. (2)

15.6 Ingaba le drama yintlekele okanye yintlekele-siyoliso? Xhasa impendulo yakho. (3)

**ISICATSHULWA J**

| | |
|---|---|
| UZWILAKHE: | Nasi ke nkosi isicelo sam. Ndiyacela ukuba nanjengoko indim unobangela wako konke oku, makakhululwe lo mfana kuxhonywe mna endaweni yakhe. Ngenene ndiyavuma ndim unobangela; **ndandingalibali ndisisilumko kanti ndisesokuqala isiyatha**, njengoko seletshilo umfo wasemzini. Ngenene le nto ibubulumko ayikho phantsi kwelanga, wayenyanisile umfo wasemaMpondomiseni. Nto zakuthi ilizwi elathi isala kutyelwa sibona ngolophu liyinene. Lulo olu ulophu. Kodwa ke ndiwakhumbula sekonakele, akusancedi lutho sendifana nogxwala emswaneni. Ngenene ngenene ndiwuhlwayele umoya, namhla ndiyaluvuna <u>uqhwithela</u>. Lulo olu. Mhlekazi ndiyacela makuxhonywe mna. |
| IJAJI: | Zwilakhe, endikuthethileyo ndikuthethile, endikubhalileyo ndikubhalile, ngoko ke akunakho ukuphindwa kuguqulwe. (*Iguqukela kuGugulethu*) Gugulethu ndigqibile, wena uthini? |
| UGUGULETHU: | Mhlekazi mna ndiyabulela ndithi ugwebe kakuhle kakhulu, uhambe apho wonke ubani ebejonge ukuba uhamba khona. Kodwa ke inye into endiza kuyicela kuwe mhlekazi yile. Nokuba ngaba kwenzeke ntoni, nokuba ndiza kuxhonywa ePitoli nokuba ndiza kuxhonywa phesheya kolwandle, nokuba ndixhonywe phi na, maze undincede ngale nto mhlekazi, ukwahlukana komphefumlo wam nenyama yam niwuthabathe umzimba wam niwusonge niwuthumele eMthatha uye kungcwatywa khona ekunene kwengcwaba lentombi kaLangeni. Nina nonke nikhoyo apha yini na ukuba nithi khunubembe? Ndiyanicela khululekani. (*Utsho encumile*) Iintliziyo zenu mazingabi semeveni. |

15.7 Nika uphawu olubonisa ukuba esi sicatshulwa sithathwe kwidrama. (1)

15.8 Cacisa ngokwebali ubulumko nobuyatha athetha ngabo uZwilakhe kwintetho ebhalwe ngqindilili. (4)

15.9 Ngqina ukuchaneka kwegama “uqhwithela” xa kuchazwa okwehla ebalini. (2)



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



15.10 Thelekisa uvakalelo lukaZwilakhe wale mini ikwisicatshulwa kunye nowayezakuzela ukuba kuzekelwe unyana wakhe intombi kaMcothama kwintlanganiso yamaHlubi. (2)

15.11 Xela isenzo sikaGugulethu abonakalise ngaso ukungavisisani kwakhe nekhaya lakhe akutshatiswa ngenkani noThobeka. (1)

15.12 Phawula ngesigqibo sikaGugulethu sokuba umzimba wakhe ungcwatywe ngokowentombi kaLangeni endaweni yekhaya lakhe. (2)

15.13 Kubafundisa ntoni ngomthetho abantu ukukhatywa kwesicelo sikaZwilakhe sokuba kuxhonywe yena endaweni kaGugulethu obuleleyo. (2)
**[25]**

**UMBUZO 16 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

**INDLAL' INAMANYALA – M. LAMATI**

'*Isifingo siza phambi kokusa*!' Ngqina la mazwi ugxile kubalinganiswa uSiqhiwu noSiphokazi abakule drama.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama 340–390. **[25]**

**OKANYE**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



**UMBUZO 17: UMBUZO OMFUTSHANE**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA K**

| | |
|---|---|
| SIPHOKAZI: | Yeha ke bawo! **Ubungathethi ngomtshato kanti kuqala? Kutheni ngoku ndakuva sele uthetha ngokuthandana?** |
| MAQHIKIZANE: | Yinto enye kaloku leyo. Andinakukutshata ndingakuthandi. Andithi kunjalo? |
| SIPHOKAZI: | Ewe kunjalo khona *daddy*. |
| MAQHIKIZANE: | Ndiza kukwenzela yonke into oyifunayo *maan*. Uthini ke? |
| SIPHOKAZI: | Njengokuba umnini walo msesane ndiwunxibileyo sele endingejile nje ndingayithini loo nto? |
| MAQHIKIZANE: | Ungatshata naloo mfenana yakho, kodwa wona umsebenzi uwuncame. |
| SIPHOKAZI: | Ndiza kukhe ndiyicinge le nto *daddy.* |
| MAQHIKIZANE: | Uyandithembisa kodwa ukuba uya kusicingisisa ngobubele isicelo sam? |
| SIPHOKAZI: | E-ewe *daddy* nda … ndakuzama. |
| MAQHIKIZANE: | Wazi ukuba mhla wafikelela ezigqibeni ezimnandi, isithuba sakho somsebenzi sikulindile apha. Ngaphaya koko ke ulindwe bubunewunewu. Nomama wakho uya kuthi zava ndiyakuxelela. |
| SIPHOKAZI: | Kulungile *daddy* mandihambe ngoku. |
| MAQHIKIZANE: | Thatha nali ikhulu leerandi. Uze uzithengele into emnandi. |
| SIPHOKAZI: | Owu, enkosi *daddy*. |
| MAQHIKIZANE: | Ininzi ke apho iphuma khona. |
| SIPHOKAZI: | (*Aphume ehamba ethetha yedwa.)* Nkosi yam! Inene le nto INDLALA INAMANYALA, xa sele indim, mna kanye lo ufuna ukuwa kwesi sicelo sigezayo sale nkothovu yeli xhego kuba ndifuna umsebenzi. Kazi yinto endiza kuyithetha nabani na le Bawo. Ligugile ixhego, alidlali, kodwa kumhla lisaxakekileyo lifuna abazalwayo. Loo nto kuyacaca nje ukuba kuguge into eyayimbi kakade. Kazi yena urhulumente ngamabukubela asawagcinele ntoni na la sele esixakile nje ngoku. |

17.1 Xela zibeMBINI iimpawu zobhalo ezikwintetho yokuqala kaSiphokazi ezikhokelela kwingcinga yokuba ubhidekile. (2)

17.2 Phendula umbuzo kaSiphokazi osungula isicatshulwa obhalwe ngqindilili ngokolwazi lwakho lwebali. (2)

17.3 Xela isizathu sokuba uSiphokazi afune ukuwa kwisicelo senkothovu yexhego. (1)

17.4 Chaza enye iimeko ekusetyenziswa kuyo amazwi athi *Indlal' inamanyala* kule drama. (1)



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



17.5 Uyawangqina okanye uyawachasa amazwi kaSiphokazi athi 'la mabukubela axakile'? Xhasa impendulo oyikhethayo. (2)

17.6 Ingaba le drama yintlekele okanye yintlekele-siyoliso? Xhasa impendulo yakho. (3)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA L**

| | |
|---|---|
| MANTYI: | Kungoku nje ke sesifikelele esiphelweni seli tyala. Kudala silixusha, silixukusha, silixovula. Akukho nkalo singayivelelanga. Wena Mnumzana Maqhikizane, urhulumente, ebekuphathise umsebenzi ofuna ingqiqo, inkathalo nokunyaniseka. Ukunyaniseka ke kwezi mini yinto enqabe Kanye oku kwamanzi entlango. Noko kunjalo ke le nkundla ayinakho ukukhuthaza abantu ukuba baqhubele phambili nokunganyaniseki. Ayinakujikwa bani inyaniso yokuba wena Mnumzana Maqhikizane, ubufanele ukuba ngumzekelo wokunyaniseka, kodwa **ngelishwa wena ukhethe ukubaliwexuwexu lendoda, erhwaphilizela kwesayo isisu-uHlohlesakhe**.<br><br>(*Abantu badumzele, bevakalisa ukuhambisana nentetho kamantyi.)* |
| SITHONGA: | Inzolw'enkundleni! |
| MANTYI: | Awuthetheleleki konke-konke. Ndiqinisekile ukuba kwakujongwe nobudala obu bakho mhla wachongelwa kwesi sikhundla, kodwa wena akuzange uyihoye yonke loo nto. Babini abantu otyholwa ngokubanyobisa kule nkundla. Kodwa ke **bangaphi osowubanyobisile ngaphambili, waphumelela?** Nguwe kuphela onokunika impendulo kulo mbuzo … (*Abantu badumzele.)* |
| SITHONGA: | Inzolw'enkundleni! |
| MANTYI: | Kwesi sona sokunyobisa ngothando isityholo wenze into emanyumnyezi kakhulu ukuhlala uhlale uthi wakugqiba ukuba yimpobole yexhego elingaka unyanzele usana olungaka ukuba luthandane nawe wakugqiba ukubanguyisemkhulu. (*Abantu badumzele.)* |
| SITHONGA | Inzolo! Umntu endikhe ndaphinda ndamva ethetha, ndiza kumkhuphela phandle ke ngoku! |
| MANTYI | Iintloni akunazo Mnumzane Maqhikizane. Icala lakho linye. Mangaphi amahlwempu ekuthe kwanyanzeleka ukuba azilume ezilahla kuba efuna ukulobola loo ntombi yakho ingumsebenzi karhulumente? |

17.7 Nika uphawu olubonisa ukuba esi sicatshulwa sithathwe kwidrama. (1)

17.8 Cacisa ngeengongoma eziNTATHU ezisebalini ukuba uMaqhikizane ubecinga ukuba usisilumko xa enyobisa abantwana abafuna umsebenzi kanti wenza obona buyatha. (4)

17.9 Ngqina ukuchaneka kwegama "uHlohlesakhe" xa kuchazwa okwenziwa nguMaqhikizane ebalini. (2)



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



17.10 Thelekisa uvakalelo lukaMaqhikizane wale mini ikwisicatshulwa kunye nolowayefuna ukunyotywa nguSiqhiwu. (2)

17.11 Chaza isenzo sikaSiqhiwu abonakalise ngaso ukungavisisani kwakhe nekhaya lakhe ngokunyobela umsebenzi. (1)

17.12 Phawula ngesigwebo sikaMaqhikizane ekubeni kuxelwa ukuba ulixhego elikwanguyisemkhulu. (2)

17.13 Kubafundisa ntoni ngomthetho abantu ukungabanjwa kukaMagrazula xa uMamQhinebe noMaGatyeni bebanjwa? (2)

**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

Akuvumelakanga ukufotokopa eli phepha

SA EXAM PAPERS